# Need an amazing tutor?

www.teachme2.com/matric

Collected and collated by

teachme2

Need an amazing tutor? www.teachme2.com/matric

basic education

Department:
Basic Education
REPUBLIC OF SOUTH AFRICA

# SENIOR CERTIFICATE EXAMINATIONS/
# NATIONAL SENIOR CERTIFICATE EXAMINATIONS

## ISIXHOSA ULWIMI LOKUQALA OLONGEZELELWEYO (FAL)

## IPHEPHA LOKUQALA (P1)

## 2021

## ISIKHOKELO SOKUMAKISHA

**AMANQAKU: 80**

**Esi sikhokelo sokumakisha sinamaphepha ali-9.**

Need an amazing tutor? www.teachme2.com/matric



## ICANDELO A: UVAVANYO LOKUQONDA

### UMBUZO 1

### Ukumakisha uvavanyo lokuqonda

1. Ngenxa yokuba kugxininiswa kwingqiqo, upelo olungachanekanga neziphene zolwimi kwiimpendulo mazingohlwaywa ngaphandle kokuba ezo ziphene zitshintsha intsingiselo/ingqiqo. (Kuseyimfuneko ukuba iziphene zibonakaliswe.)

2. Ukuba umviwa usebenzisa amagama athatyathwe kolunye ulwimi olungelulo olu luviwayo, musa ukuwananza loo magama, kwaye ukuba impendulo isavakala ilungile, sukunika sohlwayo. Ukanti ke, ukuba igama elisuka kolunye ulwimi lisetyenzisiwe kwitekisi kwaye liyayincedisa impendulo, oku kuyakwamkeleka.

3. Ngokubhekiselele **kwimibuzo emalunga nokuthatha icala uze uzixhase**, akukho manqaku anikwayo kwiimpendulo ezingu-EWE/HAYI, noNDIYAVUMELANA/ANDIVUMELANI. Isizathu/Ukunika ubungqina/ nokuxhasa zizo ezimele ukunikwa ingqwalasela.

4. Akukho manqaku anikwayo kwiimpendulo ezingu-YINYANISO/BUBUXOKI, noYINYANI/LULUVO. Ukunika isizathu/ukunika ubungqina/ukuxhasa kukona makuthathelwe ingqalelo.

5. Xa impendulo efunwayo iligama elinye, aze umviwa anike impendulo esi-sivakalisi esipheleleyo, oku makumakishwe nje ngokuchanekileyo kuphela xa igama elichanekileyo likrwelelwe umgca ngaphantsi/ligqanyisiwe.

6. Xa kufunwa iimpendulo ezimbini/ezintathu/iingongoma ezimbini kwezintathu, aze umviwa anike ezingaphaya kweziqingqiweyo kumyalelo, makisha kuphela isibini okanye isithathu sokuqala ngokuhambelana nombuzo.

7. Kwamkele ukwahluka kwendlela yokubeka impendulo okudalwa kukusetyenziswa kweelwimi zengingqi.

8. Ngokubhekiselele kwimibuzo ekhethisa impendulo echanekileyo, yamkela ZOMBINI, unobumba ohambelana nempendulo echanekileyo KUNYE/ OKANYE impendulo ebhalwe ngokupheleleyo.

Need an amazing tutor? www.teachme2.com/matric



1.1 **ISICATSHULWA A**

1.1.1 Ngokuzisela abemi beli ubumnandi nobuncwane bokumanyana njengesizwe√/ngokuthi iqela lesizwe, amaBhokobhoko liphumelele indebe yehlabathi.√ (1)

1.1.2. … inkwenkwana.√ (1)

1.1.3. Yingoma yeli qela, 'ihaka'.√ (1)

1.1.4 Ngoweliso√/ngowokubona.√ (1)

1.1.5 Sesokuba kwahlulwa amagama eedolophu alandelelanayo.√ (1)

1.1.6 Sisidima√/yintobeko√/yintlonipho√ luthando.√

[Nasiphi isibini kwezi.] (2)

1.1.7 B√/B ukongeza ulwazi√/ukongeza ulwazi.√ (1)

1.1.8 Eyokuba udlule kuzo zonke iindidi zeentlungu anokudibana nazo umntu√√/eyokuba ubomi bakhe bebungekho lula ekukhuleni usuka ebunzimeni√√/eyokuqaqambisa ukulandelelana kweziganeko ezibuhlungu nezinzima ezimehleleyo ebomini bakhe.√√

[Nayiphi impendulo echanekileyo iya kwamkeleka.] (2)

1.1.9 Yeyokukhuthaza abantu ukuba babone ukuba asikho isizathu sokuba bazitshabalalise ngenxa yeemeko ezibuhlungu abajongene nazo√√/yeyokuvula iingqondo zabantu bazibone iingxaki njengemingeni abanakho ukuyoyisa.√√

[Nayiphi impendulo echanekileyo iya kwamkeleka.] (2)

1.1.10 Kwizincomo√/ kwintloko yesivakalisi.√ (1)

1.1.11 Liphandle iziko lokuphekela ukutya ekhaya.√√

[Nasiphi isivakalisi esinentsingiselo engeyiyo ekwisicatshulwa siya kwamkeleka.] (2)

Need an amazing tutor? www.teachme2.com/matric



1.1.12 (a) Ukuwelwa ngumqa esandleni kuthetha ukufumana ithamsanqa lento ongayibilelanga.√ (1)

(b) USiya Kolisi ufumene ithamsanqa lokuthathwa liqela le-African Bombers limqeqeshe√/ uSiya Kolisi ufumene ithamsanqa lokukhethwa afundiswe sisikolo samabanga aphantsi i-Grey Junior, imhlawulele yonke imali yokufunda neyokuhlala esikolweni√/uSiya Kolisi ufumene ithamsanqa lokuqeqeshwa sisikolo samabanga aphezulu i-Grey High kumdlalo wombhoxo.√

[Nayiphi enye kwezi.] (1)

1.1.13 … nezikhokho.√ (1)

1.1.14 Zifuna abonakale kuzo zonke iimveliso zazo√√/zifuna ukusebenzisa imifanekiso yakhe ukuthengisa iimveliso zazo/ zifuna azimele ekubhengezeni iimveliso zazo.√√

[Nayiphi impendulo echanekileyo iya kwamkeleka.] (2)

1.1.15 Ndiyavumelana kuba abemi boMzantsi Afrika babonakele belixhasa ngobuninzi eli qela, kuquka abeentlanga ngeentlanga.√√

**OKANYE**

Andivumelani kuba uninzi lwabantu abamxhasileyo uSiya ngabo bebekade bewulandela umdlalo wombhoxo√√/akukho bungqina bokuba iintlanga zaseMzantsi Afrika ngoku ziyathandana kwaye zamkelene ngenxa yempumelelo yamaBhokobhoko.√√

[Nayiphi impendulo echanekileyo iya kwamkeleka.] (2)

1.1.16 "Ugqame kwezinye iinkokeli ngeempawu zobuntu nobuthandazwe." √√ (2)

1.2 **ISICATSHULWA B**

1.2.1 Luvakalelo lokonwaba√/kuba bancumile.√ (2)

1.2.2 Lelabantu abathanda imidlalo√√/lelabantu abaphila kwiimeko zobugxwayiba abathi bazonwabise ngemidlalo√√/ lelamakhwenkwana aselula athanda imidlalo.√√ (2)

1.2.3 Ngowokuba iitalente zabantwana mazilolwe besebancinci ukuze zibabeke kwinqanaba lokuba ziintshatsheli kwixesha elizayo√√/ngowokuba imidlalo ithandwa kwaye yonwatyelwa ngabantu bonke√√/ ngowokuba amaphupha akhe umntu makawalandele naphantsi kwaziphi na iimeko.√√

[Nayiphi impendulo echanekileyo iya kwamkeleka.] (2)

**AMANQAKU ECANDELO A: 30**

Need an amazing tutor? www.teachme2.com/matric



## ICANDELO B: USHWANKATHELO

## UMBUZO 2

### Ukumakisha ushwankathelo

Ukumakisha isishwankathelo kusekwe ekugqaleni iingongoma ezingundoqo.

Ushwankathelo malumakishwe ngolu hlobo:

- **Ulwabiwo-manqaku**
  - Amanqaku asi-7 ngeengongoma ezisi-7. (Inqaku elinye ngengongoma nganye).
  - Amanqaku ama-3 olwimi.
  - Amanqaku ewonke: 10

- **Ulwabiwo lwamanqaku olwimi xa umfundi engacaphulanga ngqo.**
  - 1–3 iingongoma ezichanekileyo: Nika inqaku eli-1.
  - 4–5 iingongoma ezichanekileyo: Nika amanqaku ama-2.
  - 6–7 iingongoma ezichanekileyo: Nika amanqaku ama-3.

- **Ulwabiwo lwamanqaku olwimi xa umfundi ecaphule ngqo.**
  - 6–7 iingongoma ezicatshulwe ngqo: Makanganikwa NALINYE inqaku kwawolwimi.
  - 1–5 iingongoma ezicatshulwe ngqo: Makanikwe inqaku lolwimi LIBE LINYE.

### QAPHELA

- **Ubalo-magama:**
  - Abakorekishi kulindeleke ukuba baliqinisekise ukuba alidlulanga kuma-70 inani lamagama asetyenzisiweyo.
  - Musa ukuthabatha amanqaku ukuba umlingwa akalibonakalisanga inani lamagama asetyenzisiweyo okanye ukuba inani lamagama libonakaliswe ngokungachanekanga.
  - Ukuba udlule kwinani eliqingqiweyo, funda ugqibezele isivakalisi eso inani lamagama eliqingqiweyo liphela kuso ungayihoyi intsalela yesishwankathelo sakhe.

Need an amazing tutor? www.teachme2.com/matric



| | IINGONGOMA EZICATSHULWE NGQO | | IINGONGOMA EZISHWANKATHELWEYO |
|---|---|---|---|
| 1. | 'Yitya ukutya okunamafutha ondla ingqondo ukuze iiseli zayo zihlale ziphilile.' | 1. | Zondle ngokutya okunamafutha alungele ingqondo khon'ukuze iiseli zayo zihlale ziphilile. |
| 2. | 'Yigcine icocekile ingqondo yakho ngokulala ngokwaneleyo ukuze ifumane ithuba lokuzicoca.' | 2. | Yenze ihlale icocekile ingqondo yakho ngokuthi ulale ngokwaneleyo, ibenexesha lokuzicoca. |
| 3. | 'Lola ingqondo yakho ngokusoloko ufunda izinto ezintsha ukuze ihlale ivulekile neeseli zayo zitsho zikhule.' | 3. | Yenze ibebukhali ingqondo yakho ngokuhlala uyixhobisa ngolwazi olutsha ukuze iiseli zayo zande, ivuleke. |
| 4. | 'Sukuxakekisa ingqondo yakho ngokwenza imisebenzi emininzi ngexesha elinye kuba oko kuyenza ingabinamandla.' | 4. | Sukuyiphithizelisa ingqondo ngemisebenzi eliqela ngaxeshanye kuba ayizukubanamandla. |
| 5. | 'Zakhele ubuhlobo nabanye abantu ukuze ubenokuzithemba nengqondo yakho ihlale ikhululekile.' | 5. | Yibanobuhlobo nabanye abantu ubenokuzithemba uhlale ukhululekile ngokwasengqondweni. |
| 6. | 'Lwamkele utshintsho olwenzeka ebomini bakho ujonge ukuba lungaluncedo njani kuwe, ungaloyiki, kuba nalo luyayikhulisa ingqondo.' | 6. | Yamkela inguqu engqamene nawe ungayoyiki kuba oko kuyayikhulisa ingqondo. |
| 7. | 'Yigcine ihlaziyekile ingqondo yakho ngokuzilolonga ngemithambo nokuba yeyemizuzu engamashumi amathathu ngosuku.' | 7. | Yihlaziye ingqondo yakho ngalo lonke ixesha ngokwenza imithambo kangangesiqingatha seyure ngemini. |
| **[80 amagama]** | | | **[68 amagama]** |

**QAPHELA:** Izifinyezi okanye ii-akhronim mazingasetyenziswa kodwa ukuba zithe zavela kushwankathelo mazibalwe ngokwamagama eziwameleyo.

**AMANQAKU ECANDELO B: 10**

Need an amazing tutor? www.teachme2.com/matric



## ICANDELO C: IZAKHI NEMIGAQO YOKUSETYENZISWA KOLWIMI

### Ukumakisha ICANDELO C

1. Upelo:
   - Iimpendulo ezingoogama-nye/eziligama elinye mazimakishwe njengezichanekileyo nokuba upelo aluchanekanga, ngaphandle kokuba isiphene silahla intsingiselo efunwayo yegama
   - Kwiimpendulo ezizizivakalisi ezipheleleyo, upelo olungachanekanga luya kohlwaywa xa isiphene sikweso sakhi solwimi sivavanywayo
   - Xa uvavanyo lujoliswe kwisifinyezo, impendulo iya kwamkeleka xa ifakwe iimpawu zobhalo ngokuchanekileyo.

2. Izakhi zezivakalisi kufuneka zichaneke kwaye zisetyenziswe kwizivakalisi ezipheleleyo/njengoko umbuzo uyalela.

3. Ngokubhekiselele kwimibuzo ekhethisa impendulo echanekileyo, yamkela ZOMBINI unobumba ohambelana nempendulo echanekileyo KUNYE/ OKANYE impendulo ebhalwe ngokupheleleyo njengechanekileyo.

### UMBUZO 3

3.1 KwisiNgesi√/esiNgesini.√ (1)

3.2 Kungokuba kutsalwa umdla wabathengi.√ (1)

3.3 D√/D Azifumaneki ngezinye iintsuku√/Azifumaneki ngezinye iintsuku.√ (1)

3.4 ... enye.√ (1)

3.5 Ungakwazi ukuskena ikhowudi i*QR*√/ungasebenzisa i-*App* eyi-*NeoReade*r kuyo√/ungakwazi ukugcina ikhuponi kuyo√/ungakwazi ukudawunlowuda.√

[Nasiphi isibini kwezi.] (2)

3.6 Ngokuthi enze ukuba umthengi akhethe isihlangu esixabisa kwalaa mali ebethenge ngayo okanye engaphantsi kwayo√√/ ngokuthi enze ukuba le seyile ibengeentsuku ezimbini evekini kuphela.√√ (2)

3.7 Uphumelele kuba abathengi abaneekhuponi baxhamla ngaphezu kwabo bangenazo, loo nto iza kwenza abathengi bayifune√√/kuba abaneekhuponi baneentsuku ezimiselweyo zeseyile evekini, loo nto ikhuthaza nabangenayo ukuba bayifune.√√

**OKANYE**

Akaphumelelanga kuba asinguye wonke umthengi one-*smartphone* sokugcina le khuponi.√√

[Nayiphi impendulo echanekileyo iya kwamkeleka.] (2)

**[10]**

Need an amazing tutor? www.teachme2.com/matric



**UMBUZO 4**

4.1 Mfm!√/nywe-nywe.√ (2)

4.2 Eyokuba i-ESPN ayiwukhathalelanga umdlalo wehoki, ikhathalele umdlalo wesoka kuphela√√/eyokuba i-ESPN ayizihluphi ngakuyilungisa imeko yokungahoyeki komdlalo wehoki.√√

[Nayiphi impendulo echanekileyo iya kwamkeleka.] (2)

4.3 B√/B uyakhalala√/uyakhalala.√ (1)

4.4 Sisakhelo sesi-2√/sisakhelo sesi-3.√ (1)

4.5 Ndiyavelana kuba ukupapashwa kodidi olunye lomdlalo kwiisizini zonke kubonakalisa ukungakhathalelwa kwabantu abawuthandayo omnye umdlalo√√/ndiyavelana kuba ukupapashwa kwebhola yesoka nangesizini yehoki kubonakalisa ukungaxatyiswa kwabanye abantu abadlala eminye imidlalo.√√

**OKANYE**

Andivelani kuba oku kungapapashwa komdlalo wehoki ngesizini yawo akuyithinteli ukuba ingadlalwa.√√

[Nayiphi impendulo echanekileyo iya kwamkeleka.] (2)

4.6 Kukuvakalisa ukungagqanyiswa kwezinye iintlobo zemidlalo, kugqanyiswe owebhola ekhatywayo kuphela√√/kukubonisa umkhethe okhoyo kwezemidlalo ngokwenkxaso.√√

[Nayiphi impendulo echanekileyo iya kwamkeleka.] (2)
**[10]**

Need an amazing tutor? www.teachme2.com/matric



**UMBUZO 5**

| | | | |
|---|---|---|---|
| 5.1 | 5.1.1 | ... onke.√ | (1) |
| | 5.1.2 | Elona qela lakumsayina uJali lelo lakuthi limnike imali enokumonelisa√√/elona qela lakumsayina lelo lakuthi limnike imali enokumonelisa uJali.√√ | |
| | | [Nayiphi kwezi.] | (2) |
| | 5.1.3 | B√/B Isenzo sinakho ukwenzeka√/Isenzo sinakho ukwenzeka.√ | (1) |
| | 5.1.4 | Kwiiveki ezimbalwa ezidlulileyo.√ | (1) |
| | 5.1.5 | (a) Isiphatho√/impatho√/ukuphatha√ umphathi√/iphatha√ | (1) |
| | | (b) Siyancomeka isiphatho sale nkokeli kuba kuyo bonke abantu bayalingana.√ | |
| | | [Nayiphi impendulo echanekileyo iya kwamkeleka.] | (1) |
| | 5.1.6 | "Ndiza√ kubuyela/ ndizobuyela√ ekhaya,"√ utshilo uJali.√ | (3) |
| | 5.1.7 | (a) Sisivumelanisi senjongosenzi.√ | (1) |
| | | (b) Sisivumelanisi sesimnini.√ | (1) |
| | 5.1.8 | (a) Zonke.√ | (1) |
| | | (b) Zonyaka.√ | (1) |
| 5.2 | 5.2.1 | Umdlalo uyimpilo kuye wonke umntu?√√/ uyimpilo kuye wonke umntu umdlalo?√√/ uyimpilo umdlalo kuye wonke umntu?√√ | |
| | | [Nayiphi enye kwezi.] | (2) |
| | 5.2.2 | Nawe ungadlala njengooThsana aba√√/nawe, njengooThsana aba, ungadlala.√√ | (2) |
| | 5.2.3 | UThsana ukhabela usisi ibhola.√√ | (2) |
| | | | **[20]** |

**AMANQAKU ECANDELO C: 40**
**AMANQAKU EWONKE: 80**